Isalathiso: 20190624-6139
Inombolo yefayili: 9/8/7/2
Imibuzo: S Koopman

INgaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0009/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli beZithili, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu, kwiiNtloko zeZifundo zeMathematika nakooTitshala beMathematika kwizikolo eziphakamileyo

Isihloko: Ukuphuculwa kokufundwa kweMathematika ngokusebenzisa isibonelelo soncedo sasekhompyutheni

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lizama ngako konke okusemandleni alo ukuphucula amanqanaba okuthatha inxaxheba nendlela abafundi abaqhuba ngayo kwiMathematika kwiphondo njengenxalenye yesicwangciso esiphangaleleyo sephondo seMathematika, iSayensi neThekhinoloji (*Mathematics, Science and Technology*) (*MST*) *strategy*)). Ukuxhasa le njongo, izikolo eziyi-57 zinikwe isibonelelo soncedo seMathematika (i-*Paper Video*) ngenkxaso-mali yangaphandle. Izikolo ezilishumi kweziyi-57 kwakhona zifumene esi sibonelelo ukwenzela abafundi bamaBakala 8 no-9 babo. Apha kuqhotyoshelwe uluhlu lwezikolo ebesele zithatha inxaxheba kule projekthi ukususela ngo-2018 ukwenzela ukuba kube lula ukulujonga.

2. Ukuqaliswa kwenkqubo ngo-2018 kuzise impumelelo ekwimigangatho eyahluka-hlukeneyo. Izikolo ezazisebenzisa yaye zabandakanya isibonelelo soncedo i-*Paper Video* ekufundiseni nasekufundeni ziqaphele ukuphucuka kakhulu kwindlela abafundi abaqhuba ngayo kwiMathematika. Ingxelo efunyenwe kootitshala iveza ukuba kumatyeli amaninzi iingcaciso-ntetho zezifundo zeprojekthi i-*Paper Video* ezibonisa iinkcazelo nezisombululo kwimibuzo bezigqwesile yaye abafundi bazisebenzisile ukuzifundela nokuhlaziya ulwazi lwabo.

3. Impumelelo yale projekthi iya kufuna ukubandakanyeka kakhulu nenkxaso esuka kootitshala beMathematika, kwiintloko zamacandelo ezifundo, kwiinqununu, kubacebisi ngezifundo, kubaququzeleli beMfundo noQeqesho oluQhubelekayo nakubaphathi beesekethe. Isistim yasekhompyutheni i-*dashboard* isetyenziselwa ukulandelela inkqubo yobhaliso lwabafundi nokusetyenziswa kwesibonelelo soncedo. Okulandelayo yilinki ekusa kwisistim yasekhompyutheni i-*dashboard*: https://papervideo.co.za/sponsor-dashboard.

4. ISebe i*WCED* lizibandakanye nezikolo ezikhethiweyo yaye linolwazi ngemingeni efumanekayo, enjengokukhuphela ingcaciso (*retrieval*) ngo-2018, ubhaliso lwabafundi ngo-2019 nokunqongophala kwezibonelelo zoncedo kwezinye izikolo. ISebe i*WCED* lisabonisana ngeprojekthi i-*Paper Video* ukuba incede kule nkalo, ingakumbi ngokumalunga nokunqongophala kwezibonelelo zoncedo.

Umphathi weprojekthi, uNks Sarelda Koopman, utyunjiwe ukuba anike inkxaso yaye unikwe noxanduva, ekunye noMnu Reginald Ndabeni, lokunika uncedo kangangoko kuzo zonke izikolo zeprojekthi i-*Paper Video* ukuphucula ukusebenza kwayo ukuzisa iziphumo ezigqwesileyo.

5. ISebe i*WCED* lingathanda ukukhuthaza zonke izikolo ezikhethiweyo ukuqinisekisa ukuphucula ukusetyenziswa kangangoko nokubekwa phambili kokulandelayo:
   - Mazizalise, zisayine yaye zingenise i-*Memorandum of Agreement* (*MoA*) kumphathi weprojekthi ungadlulanga owe-23 Julayi 2019.
   - Maziqinisekise ukuba babhalise bonke abafundi beMathematika beBakala 12 kwizikolo ezikhethiweyo.
   - Maziqinisekise ukuba babhalisile abafundi ekujoliswe kubo beMathematika bamaBakala 8 no-9 kwizikolo ezithile.
   - Mazibandakanye izibonelelo zoncedo ekufundiseni nasekufundeni.
   - Mazikhuthaze abafundi basebenzise ezi zibonelelo zoncedo ukuhlaziya ulwazi lwezifundo nokuzifundela emva kwesikolo.
   - Mazibeke esweni ukusetyenziswa kwenkqubo ngokusebenzisa isistim yasekhompyutheni i-*dashboard* (iinqununu nootitshala).

6. Qaphela ukuba apha kuqhotyoshelwe isikhokelo sobhaliso nosetyenziso lwesistim yasekhompyutheni i-*dashboard*. UNks Sarelda Koopman noMnu Reginald Ndabeni baya kutyelela izikolo ezikhethiweyo ukunika inkxaso nokubeka esweni ukuqaliswa kwale projekthi.

7. Kucetyiswa izikolo ziqhagamshelane nala magosa alandelayo ukufumana uncedo nenkxaso:

   USarelda Koopman (uMphathi weProjekthi)
   Ifoni: 021 467 9325
   Iselula: 078 169 1134
   Idilesi ye-imeyili: Sarelda.Koopman@westerncape.gov.za

   UReginald Ndabeni (uMququzeleli wePhondo weZikolo eKugxilwe kuzo & neze*MST*
   Ifoni: 021 467 2268
   Idilesi ye-imeyili: Reginald.Ndabeni@westerncape.gov.za

8. Ithakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu ekusebenziseni ngangoko isibonelelo soncedo seprojekthi i-*Paper Video* kwezona mfuno zibhetele zabafundi nokuphucula inkqubo yabo.

9. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beMathematika neentloko zamacandelo ezifundo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-06-28

Paper Video Schools			
No	Grade	District	School
1	12	Cape Winelands	BREERIVIER
2	12	Cape Winelands	CERES SS
3	12	Cape Winelands	CLOETESVILLE
4	12	Cape Winelands	ESSELENPARK SS
5	12	Cape Winelands	KLEIN NEDERBURG SS
6	12	Cape Winelands	LABORI HS
7	12	Cape Winelands	NEW ORLEANS SS
8	12	Cape Winelands	WELLINGTON SS
9	12	Eden Cent Karoo	BRIDGTON SS
10	12	Eden Cent Karoo	GEORGE SS
11	12	Eden Cent Karoo	INDWE SS
12	12	Eden Cent Karoo	LANGENHOVEN GIM
13	12	Eden Cent Karoo	MORESTER SS
14	12	Eden Cent Karoo	P.W. BOTHA KOLLEGE
15	12	Eden Cent Karoo	PERCY MDALA HS
16	12	Eden Cent Karoo	THEMBALETHU SS
17	12	METRO CENTRAL	BELGRAVIA SS
18	8&9	METRO CENTRAL	BONTEHEUWEL SS
19	8,9 &12	METRO CENTRAL	HAROLD CRESSY HS
20	8,9 &12	METRO CENTRAL	INTSHUKUMO SS
21	12	METRO CENTRAL	KENSINGTON SS
22	12	METRO CENTRAL	OAKLANDS SS
23	12	METRO CENTRAL	OUDE MOLEN THS
24	8,9 &12	METRO CENTRAL	SPES BONA HS
25	12	METRO EAST	BELLVILLE THS
26	12	METRO EAST	BERNADINO HEIGHTS
27	12	METRO EAST	KHANYOLWETHU
28	8,9 &12	METRO EAST	LUHLAZA SS
29	12	METRO EAST	MANYANO HS
30	12	METRO EAST	MASIBAMBANE
31	12	METRO EAST	MONUMENT PARK
32	8,9 &12	METRO EAST	NORTH PINE THS
33	12	METRO EAST	SAREPTA HS
34	8,9 &12	METRO EAST	SIZIMISELE THS
35	8,9 &12	METRO EAST	JOE SLOVO
36	12	METRO NORTH	CRAVENBY SS
37	12	METRO NORTH	DELFT THS
38	12	METRO NORTH	ELSIESRIVER HIGH
39	12	METRO NORTH	EXCELSIOR HS
40	12	METRO NORTH	KASSELSVLEI SS
41	12	METRO NORTH	KUILS RIVER THS
42	12	METRO NORTH	MFULENI SS
43	12	METRO NORTH	PROTEUS SS

44	12	METRO NORTH	RAVENSMEAD HS
45	12	METRO NORTH	ST. ANDREW'S SS
46	8,9 &12	METRO NORTH	BLOEKOMBOS SS
47	12	METRO SOUTH	CAPE ACADEMY FOR MST
48	12	METRO SOUTH	GRASSY PARK SS
49	12	METRO SOUTH	OVAL NORTH SS
50	12	METRO SOUTH	PRINCETON SS
51	8,9 &12	METRO SOUTH	SOPHUMELELA SS
52	12	METRO SOUTH	ZISUKHANYO SS
53	12	OVERBERG	GROENBERG SS
54	12	WEST COAST	DIAZVILLE HS
55	12	WEST COAST	SWARTLAND HS
56	12	WEST COAST	VREDENDAL HS
57	12	WEST COAST	WESTON SS

UXwebhu lweMigaqo yeMvumelwano yeNtsebenziswano (*Memorandum of Agreement (MoA)*) phakathi kweSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) *noPaper Video*

& _____

malunga neZibonelelo eziyiNkxaso ii-*Paper Video Resources*

Esi sikolo sikhankanywe apha ngentla siyaqonda ukuba siya kuba sifumana izibonelelo ze-*Paper Video* egameni labafundi baso beMathematika beBakala 12, nokuba sona (isikolo) siyavuma yaye sinako ukuthwala uxanduva njengoko kucacisiwe apha ngezantsi. Ngaphezu koko, isikolo siyaqonda ukuba sinako ukulindela iSebe iWCED no-*Paper Video* ukuba banike inkxaso ngezi ndlela zicaciswe apha ngezantsi.

Imiba yezoNxibelelwano noKuqaliswa koKusetyenziswa kweZibonelelo:

Ngamaxesha athile enyakeni, uPaper Video neSebe iWCED kwakufuneka banxibelelane ngqo nesikolo ngokumalunga nemeko nangosetyenziso lwezibonelelo zenkxaso. Ngala mathuba onxibelelwano alolu hlobo:

- Isikolo siya kunyula uTitshala weMathematika weBakala 12 okanye iNtloko yeSifundo njengoMntu emakuQhagamshelwane naye kwisikolo ngasinye, noya kujongana nezonxibelelwano egameni lesikolo aze adlale indima kaTitshala ojongene nezibonelelo eziyinkxaso ze*Paper Video*.
- Isikolo siya kunika u-*Paper Video* inombolo yefoni esebenzayo nedilesi ye-imeyili esebenzayo ngethuba leeyure zomsebenzi (ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu- 08h00 - 16h00) ngokuzalisa iinkcukacha ezifanelekileyo apha ngezantsi.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokuphendula kwimbalelwano kanye ngexesha elichanekileyo.
- Isikolo siya kunceda ekuququzeleleni imiba yezonxibelelwano kunye/okanye iinkcazo-ntetho kubafundi nakootitshala, apho kuyimfuneko oku ngokwembono yeSebe i*WCED* no-*Paper Video*.

Ngokufanayo, ukuba isikolo sifuna inkxaso ku-*Paper Video* ngokumalunga nezibonelelo eziyinkxaso:

- Isikolo siya kunika u-*Paper Video* inombolo yefoni esebenzayo nedilesi ye-imeyili esebenzayo ngethuba leeyure zomsebenzi (ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu- 08h00 - 17h00).

  Iinkcukacha zoQhagamshelwano *zikaPaper Video*: contact@papervideo.co.za, 021 426 2222

- U-Paper Video uya kuthwala uxanduva lokuphendula ngokukhawuleza kwimiba yezonxibelelwano emalunga noku.

Ngokufanayo, ukuba isikolo sifuna inkxaso kwiSebe i*WCED* malunga nezibonelelo zenkxaso okanye neziseko zophuhliso eziyimfuneko zabafundi ukwenzela ukusebenzisa izibonelelo esikolweni, sinokuqhagamshelana noMcebisi weZifundo zeMathematika weSithili esichaphazelekayo.

UKuhanjiswa, uKulawulwa, uKuphunyezwa noKuthathwa kweZibonelelo:

Kuyaqondakala kakuhle ukuba izibonelelo ze-Paper Video zinikwa isikolo njengenkxasoyaye zezesikolo sona ngokwaso.

Ukuqiniseksa ukusetyenziswa ngokuyimpumelelo kwezibonelelo nangokuqhubekekayo ngabafundi abasesikolweni:

- Isikolo siya kuqinisekisa ukuba bonke ooTitshala beMathematika beBakala 12 neeNtloko zeZifundo zeMathematika ziya kuya kwiiseshoni zoqeqesho nezenkcazelo ngokuqhubekayo eziququzelelwe liSebe iWCED.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokurekhoda izibonelelo ekukho kuzo iisistim esele zikho kwizibonelelo zesikolo nokuba kuthathwe amanyathelo okhuseleko ayimfuneko ukurekhoda ukuba zeziphi na ezi zibonelelo zinikwe abafundi.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokuqeqesha abafundi beMathematika beBakala 12 ekusetyenzisweni kwezibonelelo, kuqukwa nokusetyenziswa kwe-*microSD card* evumela ukufikelela kwizifundo zevidiyo ngaphandle kuka-intanethi.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokuhambisa izibonelelo eziyinkxaso kubafundi abazifumanayo (abafundi beMathematika beBakala 12) ngokukhawuleza emva kwetheko lokumisela ukuqaliswa kwale nkqubo.
- Isikolo siya kubaboleka abafundi abazifumanayo izibonelelo eziyinkxaso kunyaka wokufunda, sibavumele ukuba bathathe i-Exam Book bagoduke nayo njengoko kusoloko kusenziwa kwincwadi yesifundo.
- Isikolo siya kwenza izigqibo ngokokubona kwaso ukuba ngaba amakhadi azii-*microSD cards* abolekwe abafundi ithuba elide okanye elifutshane kusini na. Isikolo siya kuqalisa isistim ngokufanelekileyo evumela abafundi abafumana izibonelelo basayine yaye baziboleke izibonelelo eziyinkxaso ii-*microSD card packs* (okufana nokuphupha incwadi elayibrari) ngendlela enciphisa ukulahlekelwa zii-*microSD cards* apha ekuhambeni konyaka wokufunda.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokwazisa abafundi abafumana izibonelelo eziyinkxaso ukuba banoxanduva lokunonophela imeko yezibonelelo abazithathileyo nokuba baya kuthwaliswa ityala lokuzibuyisa izibonelelo abazilahlileyo okanye ezimoshakeleyo ngenxa yokungabinankathalo kwabo bafundi bachaphazelekayo.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokufuna abafundi nabazali babo ukuba basayine iifom zokuzibophelela ngokumalunga nokukhathalela izibonelelo nokubuyiswa kwazo ukuba zithe zalahleka okanye zamoshakala.
- Isikolo siya kukhuthaza ubhaliso lwabazali kwiqonga lezonxibelelwano (*platform)* le-*Paper Video* nokusetyenziswa kwezibonelelo okuqhubekekayo.
- Isikolo siya kwenza kufumaneka iziseko zophuhliso ezikhoyo zesikolo (ezifana nethablethi kunye/okanye iikhompyutha) ukuvumela abafundi ngaphandle kweedivayisi zabo zokufikelela kwizibonelelo eziyinkxaso qho nangokungatshintsha-tshintshiyo.
- Isikolo siya kwenza iSebe iWCED no-*Paper Video* babe nolwazi ngeziseko zophuhliso ezingasebenzi ngendlela ezingabavumeliyo abafundi ukuba basebenzise iziseko zophuhliso zesikolo ukuba bafikelele kwizibonelelo eziyinkxaso.

- Isikolo siya kuthwala uxanduva ngokuziqokelela izibonelelo eziyinkxaso ekupheleni konyaka wokufunda (EMVA kokuba zibhaliwe iimviwo ze*NSC* zeMathematika) nokuba kubekho imiqathango yokuqinisekisa ukubuyiswa kwezibonelelo eziyinkxaso.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokuba abafundi baphendule ngomonakalo okanye ngokulahleka kwezibonelelo eziyinkxaso.
- Isikolo siya kuthwala uxanduva lokuhambisa nokuqokelela izibonelelo kubafundi abachaphazelekayo kwiminyaka ezayo.

Ngokumalunga nezi ngongoma zingentla:

- ISebe iWCED liya kuphendula malunga nazo zonke iimbalelwano ezimalunga neziseko zophuhliso ezingasebenzi kakuhle esikolweni nezithintela abafundi ukuba bafikelele kwizibonelelo eziyinkxaso, yaye siya kujongana nemiba efana nale ngokukhawuleza kangangoko sinako.
- ISebe iWCED no*Paper Video* baya kukhupha ifom eyidrafti yokuzibophelela enako ukutshintswa apha naphaya, iprintwe, ikhutshelwe ize inikwe abafundi baqoduke nayo.

Iisaveyi:

ISebe iWCED no-*Paper Video* banokufuna ukwenza iisaveyi zenkcazelo ngokuqhubekayo kumaxesha ngamaxesha. Kwiindibano ezinjengezi, isikolo siyaqonda ukuba:

- Isikolo siya kuncedisa ngokufotokopa, ukuhanjiswa, ukulawulwa, ukuthathwa nokugcinwa kweefom zesaveyi eziya kukhutshwa liSebe iWCED kunye/okanye ngu-*Paper Video* nge-imeyili.
- Isikolo siya kuncedisa iSebe iWCED kunye/okanye u-*Paper Video* ekuququzeleleni ixesha eliyimfuneko namathuba abafundi okuba bazalise iifom zesaveyi. Ngaphezu koko, ukuba iifom ezizalisiweyo zibe ziikopi eziprintiweyo, ziya kugcinwa sisikolo de zibenako ukuthathwa njengoko kuchaziwe liSebe iWCED.

Ngokumalunga nefom yesaveyi yenkcazelo ngokuqhubekayo:

- ISebe iWCED kunye/okanye u-*Paper Video* uya kuqinisekisa ukuba iifom zenkcazelo ngokuqhubekayo zilula yaye ziya kufuna kuphela imizuzu eyi-15 ubuncinane ukuzaliswa.

Ukupheliswa kweSivumelwano:

Xa kunokwenzeka ukuba iimeko njengezi zichaziweyo apha ngentla, zingafezekiswa sisikolo OKANYE xa kunokwenzeka ukuba izibonelelo eziyinkxaso zingasetyenziswa ngokupheleleyo (okulinganiselwa nge-% yabafundi ababhalisiweyo beBakala 12 beMathematika nereyithi yokubukela izifundo zevidiyo ezinxenye yezibonelelo ze-*Paper Video*), iSebe iWCED, u*Paper Video* nomxhasi, banelungelo lokungaqhubeki ngokunika izikolo izibonelelo; bazibuyisele zonke izibonelelo esele zinikwe isikolo kunye/okanye bayikhabe nayiphi na inkxaso engaphezulu yezibonelelo ze-*Paper Video* esikolweni.

Xa kunokwenzeka iSebe i*WCED*, u*Paper Video* nomxhasi, bamisele ukuba oko kupheliswa kwesivumelwano kuyimfuneko, isikolo siya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo nangokufowunelwa emva koko zingadlunga iintsuku zomsebenzi ezi-2, apho kuya kwaziswa isikolo ngamanyathelo okulungisa le meko. Ukuba la manyathelo alolu hlobo akaphunyezwanga sisikolo zingadlulanga iintsuku zomsebenzi eziyi-5, *uPaper Video* unelungelo lokuzirhoxisa, azibuyise okanye ale ngazo naziphi na izibonelelo ezikwisikolo okanye ekuthenjiswe ngazo isikolo.

Isayiniwe:

Zonke ezi mfuno zimiselweyo nale miqathango ingentla iqondwa kakuhle yaye yamkelwe sisikolo njengoko simelwe ngulo:

Inqununu yesikolo:

Igama: _____

Inombolo yesikolo: _____

I-imeyili: _____

Isayiniwe ngu-: _____Umhla: _____

UTitshala weMathematika osesikolweni ojongene nezibonelelo ii-*Paper Video resources*:

Igama nesikhundla: _____

Inombolo yeselula: _____

I-imeyili:_____

Isayiniwe ngu-: _____ Umhla:_____

Ummeli weSebe iWCED :

Igama nesikhundla: _____

Inombolo yefoni: _____

I-imeyili: _____

Isayiniwe ngu-: _____..Umhla: _____

UMmeli we-*Paper Video*:

Igama neSikhundla: Paul Maree, uMLawuli

Inombolo yefoni: 021 426 2222 / 072 177 2386

I-imeyili: paul@papervideo.co.za

Isayiniwe ngu-: _____ .....Umhla: _____

Ukulungiselela ukungena nokusebenzisa i PaperVideo *Usage Dashboard*

Esi sikhokelo siya kukunceda ukuba ulungiselele ukungena yaye ufikelele kwi-*Paper Video Usage Dashboard*. Oku makwenziwe phambi kokuba usebenzise i-*Usage Dashboard*. Ukubona isikhokelo esingokusetyenziswa kwe-*Usage Dashboard*, uyacelwa ufunde uxwebhu *How to MAKE USE of our Usage Dashboard*.

Inyathelo 1: Yiya kwiziko lewebhu lethu okanye kwi-*app* yethu

Unokuqalisa ngokungena **kwiziko lewebhu** lethu OKANYE ngokukhuphela i-***app*** yethu kwidivayisi yakho.

www.papervideo.co.za

Kwiidivayisi ii-*Android devices*: khuphela i-*Paper Video* app kwi-*Google Play Store*.
Kwi-*iPhones* okanye ii-*iPads* khuphela i-*Paper Video app* kwi-*App Store*.
Kwi-*Windows computers* & *MacBooks*: khuphela i-*Paper Video app* kwiziko lewebhu lethu kwikhasi: *HOW IT WORKS page* (www.papervideo.co.za/how-it-works.html).

Inyathelo 2: Bhalisa i-akhawunti

Ukubhalisa i-akhawunti **kwiziko lewebhu** lethu okanye kwi-***app*** kuthatha ngaphantsi kwemizuzu eyi-5 yaye kumahala.

Klikha kwiqhosha *SIGN IN/REGISTER button* kwikona esekunene phezulu, qinisekisa ukuba ukhethe i-*REGISTER tab,* uze uklikhe ukuzalisa iinkcukacha zakho

Klikha kwi-*REGISTER button*, uze uzalise iinkcukacha zakho

Inyathelo 3: Thumela i-imeyili yakho kuPaul kwa-*Paper Video*

Mthumele i-imeyili uPaul apha: paul@papervideo.co.za. Qinisekisa ukuba uquka oku kulandelayo kwi-imeyili yakho:

- igama lakho, iziko/isikolo nesikhundla kwiziko lakho.
- idilesi ye-imeyili ye-akhawunti ye*Paper Video*.
- izikolo (izikolo) kunye/okanye iprojekthi (iiprojekthi) ezifuna ukuba kufunyanwe iinkcukacha-manani zokusetyenziswa.

Inyathelo 4: Linda ingqinisekiso kuPaul

UPaul uya kuphendula malunga nengqinisekiso yokuba unako ukungena ufikelele (okanye ngeminye imibuzo ukuba kuyimfuneko) zingadlulanga iintsuku zomsebenzi eziyi-2. Wakuba ungenile ukuze ufikelele kwizibonelelo ngokuyimpumelelo, uyacelwa ufunde uxwebhu *How to MAKE USE of our Usage Dashboard* ukufumana amacebo neengcebiso kwiinkcukacha-manani nengcaciso esenza ifumaneke.

Ukuqalisa ukusebenzisa i-PaperVideo

Ngoku ke uzifumene izibonelelo zethu eziyinkxaso yaye ingaba ufuna ukuqalisa ukuzisebenzisa? Yenza okulula ngokuthi ulandele la manyathelo ayi-4 alula ukuzifumanela omnye utitshala oyingcaphephe!

Inyathelo1: Fumana i-*app* okanye yiya kwiziko lewebhu

Qalisa ngokungena **kwiziko lewebhu** lethu OKANYE ngokukhuphela i-*app* yethu kwidivayisi yakho.

www.papervideo.co.za

Kwiidivayisi ii-*Android devices*: khuphela i-*Paper Video app* kwi-*Google Play Store*.
Kwi-*iPhones* okanye ii-*iPads* khuphela i-*Paper Video app* kwi-*App Store.*
Kwi-*Windows computers* & *MacBooks*: khuphela i-*Paper Video app* kwiziko lewebhu lethu kwikhasi: *HOW IT WORKS page* (www.papervideo.co.za/how-it-works.html).

Makuqatshelwe: Ukuba wafumana i-*microSD card* yethu, i-*app* inokufakwa ngqo kwikhadi (funda i-***MicroSD Card Instructions*** yethu efakwe kwesi sibonelelo siyinkxaso).

Inyathelo 2: Bhalisa i-akhawunti

Ukubhalisa i-akhawunti okanye **iziko lewebhu** okanye i-***app*** kuthatha ngaphantsi kwemizuzu eyi-5 yaye kumahala.

Klikha kwiqhosha *SIGN IN/REGISTER button* kwikona esekunene phezulu, qinisekisa ukuba ukhethe i-*REGISTER tab*, uze uklikhe ukuzalisa iinkcukacha zakho.

Klikha kwi-*REGISTER button*, uze uzalise iinkcukacha zakho

Inyathelo 3: Yenza zisebenze izibonelelo zakho

Yenza zisebenze izibonelelo ozifumeneyo ngokufaka ikhowudi yakho eyi-*8-digit Activation Code(s)* **kwiziko lewebhu** lethu okanye kwi-***app*** yethu.

Qinisekisa ukuba ulogile kwi-akhawunti ofuna isebenze, khetha i-*ACTIVATE RESOURCES tab*, uze ufake i-*8-digit Activation Code(s) kwindawo oyinikiweyo*.

Qinisekisa ukuba ulogile kwi-akhawunti ofuna isebenze, khetha, i-*MY RESOURCES tab,* uze ufake i-*8-digit Activation Code(s) kwindawo oyinikiweyo*.

Khumbula, ukuba ufumene ii-Exam Books, ukwenza zisebenze izibonelelo zakho kuthetha ukuba unako ukukhuphela (**download) i-*eBook versions* ngokukhawuleza!** Qinisekisa nje ukuba ulogile kwi-akhawunti yakho yaye uye kwi-*MY RESOURCES tab* ukukhuphela (*download*)!

Inyathelo 4: Skena, bukela & ufunde!

Zonke ii-*QR/4-digit codes* ezenza ufumane izifundo zevidiyo zikwi-*Exam Books* and *Subject Maps* zethu ukwenzela ukuba uhlale ulungele ukuzisebenzisa. Ngoku sele ulungele ukuqalisa ukubukela izifundo zevidiyo zethu usebenzisa **iziko lewebhu** okanye i-**app** yethu!

Qinisekisa ukuba ulogile kwi-akhawunti ofuna isebenze, khetha i-*MY RESOURCES tab*, skrola uhle ukuya ku-'*Enter a Code' box*, uze ufake i- *4-digit Video Code* yombuzo/yegama ofuna uncedo ngalo kwindawo oyinikiweyo.

Qinisekisa ukuba ulogile kwi-akhawunti ofuna isebenze, khetha i-*WATCH A VIDEO tab*, uze uskene i-QR Code (okanye ufake i-4-digit Code) yombuzo/yegama ofuna uncedo ngalo kwindawo oyinikiweyo.

Makuqatshelwe: Ukuba ufumene ne-microSD card yethu, izifundo zevidiyo zethu ezibonelelwe kweli khadi zinokubukelwa ngaphandle kwedatha (makufundwe i-**MicroSD Card Instructions** yethu efakwe nezi zobonelelo zenkxaso zakho).

Indlela yokusebenzisa i-PaperVideo *Usage Dashboard*

Esi sikhokelo siya kukunceda ukuba ucwangcise yaye usebenzise i-*Paper Video Usage Dashboard* Unokusebenzisa kuphela i-*Usage Dashboard* yethu EMVA kokuba ulungiselela *(setup)* ukuqalisa ukusebenzisa le sistim *(setup access*). Ukubona isikhokelo ngokuba kulungiselelwa njani ukungena kwi-*Usage Dashboard*, uyacelwa ufunde uxwebhu *How to SETUP ACCESS to the Paper Video Usage Dashboard.*

Inyathelo 1: Loga ungene kwi-akhawunti kwiziko lewebhu lethu

Unokubona kuphela i-*Usage Dashboard* ngokungena kwiziko lewebhu lethu. I-*app* AYIKUVUMELI ukuba ubone i-*Usage Dashboard*.

www.papervideo.co.za

Inyathelo 2: Klikha ucofe kwi-*Usage Dashboard*

Ukuba iziko lewebhu alikusi ngokuzenzekelayo kwi-*Usage Dashboard*, yiya ke ngoko kwiprofayili yakho (ngokukhetha igama kwikona ephezulu ngasekunene yeziko lewebhu uze ukhethe u-*My Profile*), olandelwa kukukhetha i-*USAGE DASHBOARD tab* kumntla welo khasi.

Inyathelo 3: Khetha oko ufuna ukubona iinkcukacha-manani kuko

Khetha oku-*Year, Grade, Subject, Publication* (i.e. resource) no-*School* ofuna ukubona iinkcukacha-manani **(**usage statistics) kuso. Wakuba ukhethile, cofa iqhosha. ›

Inyathelo 4: Skrola uhle ukubona iinkcukacha-manani ezahlukileyo

Senze ukuba kufumaneke iinkcukacha-manani ezinika ingcaciso malunga nokusetyenziswa kwezibonelelo ze-*Paper Video*. Uyacelwa ukhumbule ukuba iinkcukacha-manani ozibonayo ziya kuba zezo zikhethwe kwinyathelo 3. Iinkcukacha-manani ezahlukileyo neetshathi ziquka:

1. **Isishwankathelo seenkcukacha-manani zosetyenziso** : *Total Activated Users, Total Activated Codes, Total Video Views, Average Video Views per Student, Total Distinct Days ngeeVidiyo ebezibukelwe*.
2. **Itshathi i-*pie chart* ebonisa i-*Views per Content Delivery Method***: o.k.t. malunga neevidiyo bezibukelwe ngo-intanethi, ii-*microSD cards* kunye/okanye ii-*Content Hubs* zethu
3. **Igrafu eyi-*line graph* ebonisa ii-*Views per Day***: khetha uze utsale i-*body of the chart* oyijongayo kumhla ochaziweyo (*date range*).
4. **Itshathi i-bubble chart ebonisa *Time of Day Watched***: o.k.t. *"heat map"* yokuba abafundi bazibukele nini iividiyo. UYACELWA UQAPHELE, usuku nexesha elirekhodwe kwiividiyo ezibukelweyo lithathwa kusuku lwangoku nexesha elimiselwe kwidivayisi esetyenziswayo.
5. **Igrafu eyi-*line graph* ebonisa ii-*Views per Day*: khetha uze utsale i-*body of the chart* oyijongayo kwi-*date range* echaziweyo.**
6. **I-*Keywords table***: **itheyibhili** ebonisa amaxa ekubukelwe ngawo iividiyo ezinxulumene namagama athile angundoqo. Unokukhuphela i-*Excel sheet* yedatha kule theyibhili ngokukhetha iqhosha kwikona ephezulu ngasekunene kule theyibhili.
7. **I-*Learners and Views table***: yitheyibhile ebonisa abafundi ababhalise ngokuyimpumelelo ii-akhawunti zabo nabaqalileyo ukusebenzisa izibonelelo zabo, kunye neenkcukacha-manani zabo ngabodwa neenkcukacha zee-akhawunti. Unokukhuphela i-*Excel sheet* yedatha kule theyibhili ngokukhetha iqhosha kwikona ephezulu ngasekunene kule theyibhili. Unokukhuphela iinkcukacha zokusetyenziswa kwevidiyo ngabafundi zendlela umfundi ngamnye asebenzisa ngayo ividiyo ngokukhetha igama kule theyibhili.